Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (12 March 1935), page 8

**U Mnu. u Arthur Weir**

*Imbheko kofanelwe Yimbheko*[1].

Kwiminyaka elikhulu linesibhozo (108) eyadlulayo, kwafika kweli lizwe lakowethu lakwa Ngqika, ugwece, lwamadodana amathathu awathunyelwa e Sikotilani, ngesicelo sabafundisi bokuqala. Abafundisi bafika umsebenzi umninzi kwe lilizwe, bakhuthala basebenza nzima; kodwa waya ukhula ngokukhula umsebenzi, ufuna aba sebenzi. Abafundisi bama Rabe ababe sebeko ngeloxesha yayingaba: Revs.J. Brownlee, Thomson, Bennie, Ross, Laing, (ndibashiya ngabom u Nyhengana no Velidyam).

Ngomnyaka we 1827 kufike isi thathu esingevayo esisesi: Messrs. Wm. Chalmers, James Weir, no Alexander McDairmid. Aba yayi ngabasebenzi Yimbheho abathunyelwe ukuza kuphakamisa izandla zabafundisi, ngokushumayela i Lizwi, ngomsebenzi wezandla, onje ngokwakha izindlu, ukwenza imijelo, ukutyala imithi, njalonjalo. Lamadoda awenza ngenzondelelo enkulu loomsebenzi wawo. Sade thina ma Xhosa asawahlula nganto kubafundisi abaya. Mandiwashiye ke apha amanye ndithabathe le sithetha ngayo, - u Arthur Weir.

U Weir omdala waba ngumsebenzi, nomakhi we Sinaia yase Lovedale etolikelwa ngu Rila, u Tshuka Fiti. Inchwaba lakhe alikhona phakathi kwamanchwaba ethu na nanamhlanje apho kwa Gaga?

Unyana walowo, ongu James Wilson Weir, owafunda yena kunye nathi kayo loo Sinala yayisakhiwa nguyise, asinguyena lo waba lixhatha lika Somgxada wada wafa? Asinguye na lo wagungqela le Koleji ise Fort Hare ngapheseya nangaphonoshono kolwandle? Kanibuzise ku Dr. W.B. Rubusana nge ndibano yabo e Edinburgh. Nantsi i Fort Hare ikho wayeyifukamele. Asikwa nguye na lo bathi beno Innes bancedisa ukumisa iphepha le “Mvo” e Qonce, bathi, namhlanje ke umzikazi wase Qonce, ubeka umfana ka Jabavu u J.T. bamenza wayindoda esizweni? Unyana walowo, - osisizukulwuna sesithathu phakathi kwethu, - ukuba abe sisi Bonda sawo lowo mzikazi, endaweni ye sihlobo esikhulu, somzi omnyama nomhlophe, umfi u J.W. Bryson. Siyathakazela sithi, -

[1] Yimbheho

Yenziw' into yafaneleka, -

Wabekw' umfo esitulweni, samfanela.

Ithol' lomthonyam' ithol' lomgqubа.

Lomzi ka Mfetsho wujongeni, -

Usaza kusizalel' inkunqele zama doda.

Kwisi Khumbuzo se Qonce ngo May,

Ngubanin' indod' ebifanel' ukuma;

Nguwuphin' umf' obemelwe kugaxela;

Ngubanin' obengathethayo nama Ntinde,

Usapho luka Tshatshu, ka Cika, ka Ngathani?

Nantsiy' int' iphemla iphefumla!

Kok' iphefuml' ema hlathin' ayibonwa;

Iphemla kulooma Hlati ka Mtshiza;

Iphefumla kulooma Hlati ka Hoho.

Ndive mn' into seyisithi, "Haarfu-u!"

Ayabi ngonyama ayabi ngulube;

Sithath' intonga saya ko Siyazi;

Bathe bona ngabanini balooma Hlati,

Bayazolula bayaphefumla, -

Ngade kubuy' i "Ntonga zo Mgolombane."

Ngade kunyikim' umhlab' ekudeni.

Emadodeni kwedini ka Weli!

Thole lemaz' endal' u Nojomo.

Uyakubuliswa ngama Ngqika ngo Canzibe, -

Ayakuthi A! Bang'indawo!

Ayakudum' ama Ntinde nama Hleke,

Adum’ ama Ndlambe nemi Dushane,

Adum’ ama Gwali nemi Dange, -

Abakwa Mqhayi baya kukudumela.

Ama Mfengu nama Gqunukwebe,

Ayakuthi, A! Bang’indawo!

Hay’ intombi zama Xhosa ziyakwaz’ ukufinyisa.

Ziyakwaz’ ukuteketisa nokuthuthuzela.

Bafundisi niyakwaz’ ukufukamela;

Gcin’ isango no ka Sebe neka Tshotyana,

Izinto zibuyel’ ezindaweni zazo;

Uyahamb’ u Khaulezis’ amaxesha,

Iyahamb’ ivil’ enkulu ka Tixo;

Sitsho sakujong’ esiqalweni sezinto,

“A! Gungqel’ umzi!”

Itsh’ Imbhongi ye Sizwe ngelayo, -

Ntsho - ntsho - ntshobololo!!